



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOFA.1

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2014

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

AFTERNOON SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziwa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	50 imizuzu
ICANDELO B:	30 imizuzu
ICANDELO C:	40 imizuzu
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

'NIYA KUZE NITHI NDANDITSHILO!'

1. 'Kodwa mama uyaqonda ukuba xa sinokuthengisa le ndlu sihlala kuyo singanayo imali yokuthenga indlu ze eshiyekileyo imali siyihlawule ngezavenge? Noko asinakohlulwa yiloo nto kuba nam ndiyasebenza.' Ucenge watsho uNtsikelelo. Okunene ifike yalula engqondweni kaMaGaba le nto ithethwa nguNtsikelelo. Uthe khona esakukhumbula ukuba unyana wakhe usandula ukunyuselwa kwisikhundla esiphezulwana kumzi we-inshorensi, wayithemba le ntetho kaNtsiki. 'Kulungile ke sana lwam, kuya kufuneka sikhe siyincokole noyihlo le nto, sive olwakhe uluvo.'
2. Okunene kuthe ngorhatya lwahlanganisana usapho lwamaMpondo. Kukhe kwayingxaki, kungekho bani ude ayiqale incoko ngaphandle koMpondo omane ukubuza ukuba ubizelwa ntoni na efuna ukubeka icala kwangethuba nje yena. Ide yanguMaGaba othethe konke okusentliziweni ngokubalisa incoko ebiphakathi kwakhe noNtsikelelo emini. Utshilo ukuba bafuna ukuva uluvo lwakhe yena Mpondo njengomninimzi.
3. 'O-o-o! Sihleli nje wena nalo nyan'akho nenza iyelenqe lokuchitha lo mzi? Ndishiyelwa indlu yam, ndiyokuhlala edolophini? Xa kanti unemali engahlawula indlu lo nyana wakho kungani ukuba sibe lilifa lendlala ekho naloo mali yakhe? Andiyingene loo nto yenu mna. Nifuna ndiyokufela phakathi kwabeLungu, ze ndingcwatywe ngubani apho?' Utshilo uMpondo kucaca ukuba ubufixeka ngumsindo. 'Ngxe Mpondo. Xola tata kaNtsiki. Noko **thob'izibilini** myeni wam. UNtsiki uzama ukubonisa inkathalo yakhe ngathi. Andithi nomfundisi uThoba, lo ubuligosa lakhe, uthe esakuhlala phantsi wathenga ubhazabhaza wendlu edolophini eBhinoni? Singabantu abatheni ke thina aba bangenakuya edolophini abanye abantu besiya? Xa singenakuthengelwa nguNtsiki indlu siya kuyithengelwa ngubani? Noko xola Mpondo. Masibuvumele ububele esibenzelwa ngumntwana wethu.' Ungenelele watsho uMaGaba, ebona ukuba umyeni wakhe akayingeni le yabo. Wale wancama uMpondo, usapho lwakhe luzama ukumnyanzela kule mbono yalo. Uthe esakucikozelwa nanguPhathiswa, emxelela ngomgangatho ophezulu abaza kuba kuwo xa besedolophini, waziva ephelwa ngamandla wokuqhubeka nale ngxoxo. Uphethe ngamazwi athi; 'Qhubani, indlela imhlophe, kodwa niya kuze nithi ndanditshilo xa sele nomelwe ngumqa esandleni.'



4. Akubanga ntsuku zingaphi wabe uNtsikelelo ewenzile amalungiselelo okuthengisa indlu kayise emagumbi mane kuba beza kuya kuhlala edolophini eBhinoni. Kuthe kanti ngaxesha linye ufuna nendlu edolophini apho. Emva kweenyanga ezintathu ithengisiwe indlu emagumbi mane, baya kungena kwipomakazi elimagumbi asibhozo edolophini. Ngenxa yemincili yokuhlala endlwini engako esedolophini, akuzange kubekho mntu ukhumbulayo ukubuza ngamaphepha okuthengwa kwaloo ndlu nokuba ibhaliswe ngegama likabani na. NoNtsikelelo, umququzeleli wayo yonke le nto, watya tyum. Usapho lwasemaMpondweni lwahlala lonwaba kwindlu yalo entsha, oluyithengileyo, ngabula bona. Mnye kuphela umntu owayebonakala ebunxuba, nguyise kaNtsikelelo, nangona engazanga wabuza nto mntwini. Akudlulanga nyanga zingaphi uNtsikelelo wahamba ngomgrugra weB.M.W. Naleyo ibangele uchulumanco kuMaGaba noPhathiswa nenzala yakhe, nangona babengazange bazihlupha ngokuba wenze njani na ukuze athi ehlawula ityala lendlu abe ethenga umnyobo wemoto yodidi oluphezulu. Wayeyifumana phi ke ngenene uNtsikelelo le mali yokwenza zonke ezi zinto? Nguye yedwa owaziyo.
5. Kuthe xa olu sapho lugqiba unyaka luhleli kuloo ndlu, kwafika ikhephekhephe lencwadi ebazisa ukuba le ndlu bahleli kuyo iyathengwa, umntu oyithengayo kufuneka engenile kuyo kwisithuba seenyanga ezintathu ngoko ke bacetyiswa ukuba bafune enye indawo yokuhlala ukuze phambi kokuphela kwenyanga yesithathu babe bephumile. 'Hi bantu basemaNgqosinini! Angathini uNtsikelelo ukuthengisa le ndlu engakhange asixelele? Uza kusisa phi ngoku? Makube engasabonakali nje uzama enye indlu? Mandimlinde abuye azoyichaza yonke le nto.' Ezi ibe ziingcinga zomzalikazi emonqelwe. Phofu uza kumlinda kuba emazi ephi, yaye eya kubuya nini uNtsikelelo kweli Goli lingaka ukuba likhulu? Ekusenokwenzeka ukuba akakho kwalapha eRhawutini loo Ntsikelelo.

[Sicatshulwe ku-IZINTO ZOMHLABA NGAMAJINGIQHIWU: Z Zitumane; iphepha 27–30, saza sahlelwa.]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Ngubani igama lonyana kaMaGaba? (1)
- 1.1.2 UMaGaba nonyana wakhe bathetha ngantoni? (1)
- 1.1.3 Yintoni elandelayo eza kwenziwa sesi sibini? (1)



1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Ibinzana elithi 'sana lwam' elibhekiswa nguMaGaba kunyana wakhe liteketisa ngenjongo:

- A Yokumphoxa unyana wakhe.
- B Yokubonisa ubuncinci bakhe.
- C Yokumdelela unyana wakhe.
- D Yokumcenga unyana wakhe. (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.5 Nika igama elithetha into enye nelikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

1.1.6 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba kwakungekho lula ukuthetha noMpondo? (2)

1.1.7 Uthetha ukuthini uMpondo xa esithi ufuna ukubeka icala? (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.8 Caphula intetho enobungqina bokuba uMpondo akakholelwa ukuba uNtsikelelo angabathengela indlu. (1)

1.1.9 Impendulo kaMpondo ekrwelelwe umgca ngaphantsi ibonisa ukuba ungotata onjani? (2)

1.1.10 Ibinzana elibhalwe ngqindilili lithetha ntoni? (1)

1.1.11 Yintoni ebangele ukuba uMpondo avume ukuya kuhlala edolophini? (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.12 Eli binzana lithi 'ngabula bona', livelisa ntoni malunga nokuthengwa kwale ndlu? (2)

1.1.13 Chaza umahluko phakathi kovakalelo lukaMpondo nosapho lwakhe kwindlu yabo entsha. (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.14 Yintoni eyenza uNtsikelelo angathembakali ukuba useseRhawutini? (1)

1.1.15 Xela udidi lwesafobe oluvela kwimibuzo emininzi ebuzwa nguMaGaba uze uxele uvakalelo oluphuhliswa siso? (2)




Imibuzo esekwe kwitekisi iyonke

1.1.16 Esi sicutshulwa sihambelana njani nesihloko saso? (2)

1.1.17 Esi sicutshulwa sibe nampembelelo zini kulwazi lwakho malunga nokuthengelwa indlu? (2)

1.2 UVAVANYO LOKUQONDA: OKUBONWAYO

Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ucatshulwe ku-www.ts.cartoons, wahlelwa]

1.2.1 Lo mfanekiso ubonisa eliphi igumbi ekhayeni? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.2 Yintoni ebangela ukuba abantwana bajonge kutata xa kusithiwa mabahlambe izandla? (2)

1.2.3 Udlulisa myalezo mni umzobi ngokuhlanjwa kwezandla phambi kokuba kutyiwe? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele unike iingcebiso ngeendlela zokuphumelela kubudlelwane bakho. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-60 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

PHUMELELA KUBUDLELWANE BAKHO

Ukuphumelela kubudlelwane bakho kukuphumelela ebomini. Ayikho impumelelo engahlala ixesha elide ebomini ngaphandle kobudlelwane obulungileyo, obunyanisekileyo nobuthembekileyo nabanye abantu. Ubuhlobo nobudlelwane ngunobangela wokuwa nokuvuka komntu ebomini.

Kufuneka siqiniseke ukuba sikhetha ubudlelwane bethu ngobulumko nobukrelekrele obukhulu ukuze siphumelele sibe nekamva eliqaqambileyo. Uninzi lwethu singabantu asizikhetheli abahlobo okanye ubudlelwane; siye sihambisane naloo mntu ufumanekayo ngelo xesha. Sinempazamo yokungamjongi ngeliso elibukhali umntu uqhathwe yinkangeleko yangaphandle.

Ukuhlala esitratweni esinye okanye ukufunda esikolweni esinye nomntu akuthethi ukuba yiba nobudlelwane nabo bantu ukuze uphumelele. Ubudlelwane ungabakha nabantu bakude lee kuwe noqalayo ngqa ukubabona. Akulunganga tu ukuhamba nomsinga xa ukhetha abahlobo kuba oko kungenza ukuba ungazinzi engqondweni kwaye ube kude nempumelelo.

Abahlobo bakho banganako ukubonisa ingomso lakho nempumelelo yakho. Abahlobo bakho batyhila ubunjani besimilo sakho baze babeke imida nemiqobo kwimpumelelo yakho. Bakwanalo nefuthe elikhulu nelingathethekiyo kwiingcinga zakho ezintle nezimbi, indlela ojonga ngayo izinto nokwenza kwakho. Bakwanako nokukunika amandla empumelelo nokukutshabalalisa kuphele tu.

Ukuze uphumelele kubudlelwane bakho, vuma ukuba abahlobo okanye abantu abakungqongileyo bakuxelele inyaniso nokuba ikrakra kangakanani na. Yintsikelelo enkulu ukujikelezwa ngabantu abaza kuxelela inyaniso nokuba iyakrakra kuba oko kuya kukusa kwimpumelelo yakho. Ukuzazi nokwamkela iimpazamo ozenzayo ebomini kungabukhulisa ubudlelwane bakho kuzise nempumelelo engathethekiyo.

Ubudlelwane obuninzi bumoshwa kukungathembeki nokunganyaniseki, oko ke kunciphise amathuba okuphumelela ebomini. Ziqhelise ukuthembeka nokunyaniseka kubudlelwane ukuze uphumelele. Unganyaniseki nje kwabanye abantu, qala ngokunyaniseka kwisiqu sakho. Ngoko masenze ngandlela zonke ukuba kube luxanduva lwethu ukuphumelela kobudlelwane bethu.

[Sicutshulwe kwiBONA Julayi 2012, iphepha 106 saze sahlelwa]



ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3****ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

Izele yicalcium

Izele yiCalcium neProtheni, iBonnita Cheese kufuneka ube nayo kwizidlo zosapho

I*Bonnita* cheese iyondla, inencasa kwaye izele yicalcium neprotheni efunekayo ukugcina usapho lwakho lusempilweni. Kwaye ifumaneka kwiipakethi ezibukhulu buli-125g ezinexabiso elilungele ibhajethi yosapho **ngalunye**. Yenza onke amaxesha okutya anelise kwaye abe mnandi ngokufafaza *iBonnita* cheese ngaphezulu kwezidlo okanye uyifake kwiisandwiches zomntwana wakho zesikolo. Nge*Bonnita* kuninzi okunokwenzeka!

INTSHA

Bonnita

Gouda 125 g

Bonnita

Cheddar 125 g

Fact

125g = Grated cheese

Bonnita

www.bonnita.co.za

[Sicatshulwe kwiBONA, July 2012; iphepha 93 saze sahlelwa]

- 3.1 Xela nasiphi isakha mzimba esifumaneka kule mveliso. (1)
- 3.2 Esi sibhengezo silungiselelwe abaphi abantu? (1)
- 3.3 Kutheni umthengisi esebenzise la magama, 'inencasa', 'imnandi'? (2)
- 3.4 Ibhalelwe ntoni idilesi yewebhusayithi kwesi sibhengezo? (1)
- 3.5 Chonga igama elibonisa ukuba le mveliso yetshizi itshintshile? (1)
- 3.6 Ucinga ukuba le tshizi ibalungele bonke abantwana besikolo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Bubuphi ubuchule bolwimi obusetyenziswe ngumthengisi kumagama akrwelelwe umgca ngaphantsi ukutsala umdla wamagqolo;

Kwaye ifumaneka kwiipakethi ezibukhulu buli-125 g ezinexabiso elilungele ibhajethi yosapho ngalunye.

A Ulwimi oluchukumisayo

B Ulwimi olugwebayo

C Ulwimi oluqhathayo

D Ulwimi olukekelele ecaleni

(1)

3.8 Xela intsingiselo eziswa libinzana, 'izele yicalcium'?

(1)

[10]



UMBUZO 4

IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Icatshulwe kwiBona, Agasti 2006; iphepha 103]

- 4.1 Kwisakhelo 1 igama 'okumnandi' lisetyenziswe njengesiphi isigaba sentetho? (1)
- 4.2 Kwisakhelo 2 ukuvuza izinkcwe kukaChiskop kuthetha ukuthini? (1)
- 4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Uncumo lukaShoti kwisakhelo 3 luelisa uphawu lokuba uShoti:

- A Unemfesane
- B Unentloni
- C Uyabawa
- D Unobubele

(1)



- 4.4 Kwisakhelo 5, kwigama u-'intoooni?', kutheni sitsaliwe isikhamiso u 'o'? (1)
- 4.5 Xela indlela esisetyenziswe ngayo isikhuzo esingu 'Mmh!' esikwisakhelo 4. (1)
- 4.6 Kwisakhelo 4, igama 'mfondini' kutheni lisetyenziswe ngaphandle kweceba? (1)
- 4.7 Inkangeleko yobuso bukaChiskop nobukaRasta kwisakhelo 6 ibonisa ukuba banaluphi uvakalelo ngesenzo sikaShoti? (1)
- 4.8 Kwisakhelo 7, isimamva kwigama, 'sibhanxandini' senze msebenzi mni? (1)
- 4.9 Ingaba uShoti uyazisola ngesenzo sakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

UMBUZO 5

5.1 IPROZI

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKUBULISANA KOBUHLOBO!

Abafundi ababini beBona babhalele uMiss Know -All bebuza ukuba kwaqala njani ukuxhawulana kwabantu xa bebulisana, omnye ubuze ukuba ivela phi ke eye 'high five'. Masiqale ngokuxhawulana. Oku kwaqala ngexesha amadoda ayesaphatha izikhuselo nemikhonto. Xa efuna ukubonisa ukuba eze ngoxolo ayesondela kwamanye ephethe izikhuselo kuba ayefuna ukukwazi ukuzikhusela xa kukho imfuneko. Emva koko ayesolula esinye isandla sawo ukubonisa ukuba akaphathanga sikhali. Ukususela ngoko ukuxhawula kwaba yindlela yokubulisa neyokuvuyisana nomntu, kwaye kule mihla namabhinqa ayaxhawulana.

Ngokwenziwa kwe 'high five' umdlali weBaseball, uGlenn Burke uthi nguye owaqala oku ekupheleni kweminyaka yoo-1970. Kodwa iingcali ezininzi zithi wayenza yaduma i 'high five' njengezinye iindlela zokubethana ngedlanza ezaqala ngoo-1870. Abantwana abaninzi bayakuthanda ukubulisana ngolu hlobo.

[Sicutshulwe kwiBONA Septemba 2009; iphepha 12 saze sahlelwa]

- 5.1.1 Xela umsebenzi wesakhi u-ba esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwigama abafundi. (1)
- 5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
- Ukubulisa nge 'high five':
- A Kukuphakamisa izandla zozibini zihlangabeze ezomnye umntu.
- B Kukuphakamisa isandla sokunene sihlangabeze esomnye umntu.
- C Kukuphakamisa isandla sasekhohlo sihlangabeze esomnye umntu.
- D Kukuphakamisa ubhontsi ahlangebeze owomnye umntu. (1)



- 5.1.3 Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha elizayo:
Ukuxhawula kwaba yindlela yokuvuyisana nomntu. (2)
- 5.1.4 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisetyenziswe njengesiphi isigaba sentetho? (1)
- 5.1.5 Nika igama elithetha into enye neli, 'namabhinqa.' (1)
- 5.1.6 Isimamva esibhalwe ngqindilili kweli gama 'ayaxhawulana' sisetyenziswe njani? (1)
- 5.1.7 Sebenzisa isimelabizo soqobo endaweni yesibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi.
UGlenn Burke uthi nguye owaqala oku ekupheleni kweminyaka yoo-1970. (1)
- 5.1.8 Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngegama elikwizibiyeli.
Ifashoni ifika idlule. I 'high five' yona ayidluli. (kodwa) (1)
- 5.1.9 Khetha isichazi kwesi sivakalisi uxele nodidi lwaso?
Abantwana abaninzi bayakuthanda ukubulisana ngolu hlobo. (2)
- 5.1.10 Bhala igama elibhalwe ngqindilili ngendlela efanelekileyo. (1)
- 5.1.11 Matanisa iqhalo elikuKholam A nenkcazelo ekuKholam B


	KHOLAM A	KHOLAM B
(a)	Isandla sihlamba esinye.	A Mamela abantu abadala xa bekucebisa.
(b)	Inkqayi ingena ngeentlontlo.	B Abantu bayancedana. C Izinto ezinkulu ziqala kancinci.

(2 x 1) (2)



5.2 UMFANEKISO

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ucatshuwe *kwiDaily Dispatch*, 8 October 2013 waze wahlelwa]

5.2.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.

Amadoda aphethe iintonga namakhaka. (1)

5.2.2 Esi sivakalisi singezantsi sikwintetho-ngqo, siguqule sibe kwingxelo-ntetho.

Qala ngolu hlobo: Inkosi ithe ...

'Madoda! Bambanani ngezandla,' itshilo inkosi. (2)

5.2.3 Bhala isichasi segama elifakwe kwizibiyeli.

Amadoda (amakhulu) adibene. (1)

5.2.4 Lungisa esi sivakalisi singezantsi ukuze sifundeke kakuhle.

Phambili amadoda ajonge. (1)

5.2.5 Bhala esi sivakalisi kakuhle ngokutshintsha igama elikwizibiyeli libe sisiyaleli.

(Ukuhlala) phantsi madoda. (1)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80

